30/- sent for Sutu a/c J.K. Bokwe 7/6/32.

E. Ntab'ozuko,
Berlin, C.P.
19th May 1932.

Bota Mkuluwa,—

(1) Andize nganto yimbi namhlanje kuwe mtaka Bene, ndize kuzibika ngerafu ezi 30/-. Ndingena ukude ndihlazeke ngati andinabantu bakowetu bokuba ndizibike kubo. Nokuba uyandipa kukuwe, nokuba wenza ukundiboleka kukwa kuwe,— lindiyile.

(2) Ndiyivile imbuto oke wanayo nama Lovedale ngo April, ndiyifunda kwi "Outlook"; ndanqwena ndanga ngendandiko nam.

(3) Kawubone nalo ilinga endilenzele wena lokubala isifundo ngo Sutu, obuhlala umnqwenela. Keta indawo ozitandayo, undibuyisele amapepa lawo, ndiwatumele kumapepa endaba, ongati nawe umbuye uwafumane emveni kokuba eshicilelwe; bendikubonisa kodwa ukuba esi sifundo ndisibalele incwadi zako.

(4) Ku "Mteteli" uyakubona isifundo ngo Makinana Mhala kuzo eziveki zikufupi; noko sona asilungele zi Readers zako. Ezi "Show" e Lovedale namhlanje, andibanga nakuya.

(5) Kwezinyanga zikufupi nje, izi Patamandla zingenisa iBinga lase Monti, esiti tina lela "Ka Ndlambe."

(6) Vuma ndibulise ndipete ngombuliso,

Owako Inene Umninawa,

S.E. Rune Mqayi